## INGABA ULUMKILE NA NGOKUPHATHELELE KWIKHAYA? UYAZAZI NA EZINYE IINDLELA ZIKARHULUMENTE WAKHO ZOKUKHETHWA KWEZINDLU?

# Ukuba uzuza umvuzo ophakathi kwama **R0** ukuya kuma kwi - **R3 500** ungangofanelekileyo koku:




**Ungafaka isicelo ngokuhambela iOfisi yeZindlu kaMasipala ekufutshane kuwe.**

Yiba **NOBULUMKO BEKHAYA** kwaye masiqwebele ikamva elingcono xa sibambene.

# INGABA UMVUZO WAKHO WENYANGA UPHAKATHI KWAMA R0 – R3 500 NGENYANGA?

Ukuba umvuzo wekhaya lakho uphakathi kukaR0 ukuya kutsho kuma-R3 500 ngenyanga, ungangofanelekileyo kolunye lwala mancedo kaRhulumente enkxaso neenkqubo ezilandelayo. Ukuze ukwazi ukufikelela kolunye lwala mancedo, kufuneka ube ungobhalisileyo kuluhlu lwembango yeenkcukancha zezindlu kumasipala wakho okufuphi kuwe.

## UNCEDO LWENKXASO LOMNTU NGAMNYE

Ungalusebenzisa olu ncedo ekuthengeni indlu esele ikho OKANYE uthenge indlu esel'inocwangciso nesiza OKANYE ugqibezele indlu esele iqalisiwe ukwakhiwa. Ukufakwa kwezicelo kwenziwa kuphela kube kanye ngonyaka, ukufakwa kwezicelo kuvulwa ngoApreli kuze kuvalwe ngokukhawuleza kwakube kufikelelwe kumda wokwabiwa koncedo lwenkxaso. Isixa soncedo lwenkxaso kungoku nje lungama-R202 888. Ukufakwa kwezicelo kunye nemibuzo ingenziwa ngqo kwiSebe lokuHlaliswa koLuntu kwiNtshona Koloni.

## UKUPHUCULWA KWEENDAWO EZINGAMATYOTYOMBE (UISP)

TLe nkqubo ikunika indlela yokufikelela kwiziza ezinikwa iinkonzo kwiindawo ezingamatyotyombe. Isiza esinikwa iinkonzo siquka isiqwenga somhlaba esikwaziyo ukufikelela emanzini, kwezococeko kwakunye neenkonzo zemibane. Ungathi kamva ufake isicelo sokuncedwa ukwakha indlu kwistendi sakho ngokusebenzisa enye yeendlela zikaRhulumente zoncedo lwenkxaso yezindlu umzkl. Uncedo lweNkxaso yoMntu ngaMnye, Inkqubo eyaNdisiweyo yeZindlu eziRentwayo zaBantu (EPHP) okanye iNkqubo yoPhuhliso lweeNdawo eziHlanisiweyo zokuHlala (IRDP). Imibuzo nokufakwa kwezicelo kungenziwa kumasipala okufutshane nawe.

## UNCEDO LWENKXASO OLUQINISIWEYO

Ukuba unendlu yakho kwaye wafumana isiza esinikwa iinkonzo ngaphambi kuka1994, ungafaka isicelo sokuzuza olu ncedo lwenkxaso. INkxaso ifikelela kwiR109 947 kwaye ungayisebenzisa ukwakha indlu yakho, ukuyiphucula okanye ugqibezele ukwakha indlu engekho phantsi kwenkxaso. Amancedo enkxaso aqinisiweyo ayafumaneka ngaphantsi kweprojekthi hayi ngokomntu ngamnye. Qhagamshelana nomasipala wakho okufutshane nawe xa unemibuzo kwaye ufuna ukufaka isicelo.

## INKQUBO EYANDISIWEYO YEZINDLU ZABANTU (EPHP)

Olu Ncedo lwenkxaso ifumaneka kuphela ngendlela yeprojekthi enikezelwa kuluntu abazimisele ukuthathinxaxheba ekwakhiweni kwamakhaya abo. Ngolu Ncedo lwenkxaso ungadlala indima ecacileyo ekwakhiweni kwendlu yakho ukwiqela labantu abahlanganisiweyo. Ukufakwa kwezicelo nokwenziwa kwemibuzo kungenziwa ngqo kumasipala wakho okufuphi kuwe.

## INKQUBO YOPHUHLISO LWEENDAWO ZOKUHLALA EHLANGANISIWEYO (IRDP)

Ngolu Ncedo lweNkxaso ungakwazi ukuzifumanela umhlaba, ukunikezela iinkonzo kwisiza kwakunye nokwakha ikhaya. Iya bonelelwa kooMasipala beNdawo. Ukufakwa kwezicelo nokwenziwa kwemibuzo kungenziwa ngqo kumasipala wakho okufuphi kuwe.

## INKQUBO EYONGEZELELWEYO NEYANDISIWEYO YOLUNGISELELO LWENZUZO YESAPHULELO (EEDBS)

Le Nkqubo iza kukunceda ukuba ukwazi ukuba nguMnini-khaya wezindlu zikaRhulumente eziRentwayo wexesha elingaphambi ko-1994 (umasipala nephondo). Ukuba ubusoloko urenta ipropati kaRhulumente okokoko kwangaphambi ko-1994, ungayifanela le nkqubo. Abanye ooMasipala sebedlulisele ubukhulu bepropati yabo yezindlu eluntwini oluqeshileyo noluthe lasebenzisa inkqubo yoLungiselelo lweNzuzo yeSaphulelo. Ukufakwa kwezicelo kunye nemibuzo kungenziwa ngqo kumasipala okufuphi kuwe.

## UZINDLU ZABANTU EZIRENTWAYO

Ngolu Ncedo lweNkxaso unganakho ukufikelela kwiZindlu eziRentwayo okanye kugumbi okuhlala. Inkxaso kaRhulumente iyabonelelwa kuMaziko eZindlu eziRentwayo ukulawula izindlu ezihlawulelwa irente. Uhlawula ngoko isixa-mali esithotyiweyo serente, nesisekelwe kumvuzo wekhaya lakho, kwiZiko leZindlu eziRentwayo. Imibuzo kunye nokufakwa kwezicelo kungenziwa ngqo kumasipala okufuphi kuwe.

## UNCEDO LWENKXASO LWAMAZIKO

Ngolu Ncedo lweNkxaso unganakho ukufikelela kwizindlu ezirentwayo okanye kumathuba okurenta ngeenjongo zokuthenga. INkxaso kaRhulumente iya bonelelwa kuMaziko eZindlu ukuze akhe aphinde alawule izindlu ezirentwayo. Uhlawula ngoko isixa-mali esithotyiweyo serente, nesisekelwe kumvuzo wekhaya lakho, kwiZiko leZindlu. Imibuzo kunye nokufakwa kwezicelo kungenziwa ngqo kumasipala okufuphi kuwe.

### Nceda qhagamshelana neSebe lokuHlaliswa koLuntu ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe:

Hambela kwa27 Wale Street, eKapa
Tsalela iDesika yoNcedo apha kule minxeba ilandelayo: 021 483 6488/0611/8984/0623/2060
(NgoMvulo ukuya kutsho NgolweSihlanu ukusukela ngentsimbi yesi- 07:30-15:00)

Email human.settlements@westerncape.gov.za; or
Hambela iwebhusayithi yeSebe:
**www.westerncape.gov.za/dept/human-settlements**

URhulumente weNtshona Koloni
UkuHlaliswa koLuntu
NGOWAKHO